| | |
|---|---|
| **Umgaqonkqubo** | Ulwimi |
| **Ikomiti/Iyunithi/Icandelo elinoXanduva** | Ikomiti/Iyunithi/Icandelo Lomgaqonkqubo woLwimi |
| **Umhlalingaphambili/Umlawuli/Umphathi Onoxanduva** | Umhlalingaphambil: kwiSinethi<br>Umhlalingaphambili: weKomiti Yomgaqonkqubo woLwimi |
| **Umhla wokusebenziseka koMgaqo-nkqubo** | 2025 |
| **Imihla yokuphumeza Umgaqonkqubo-wolwimi** | 28 EyoMsintsi 2013 |
| **Amanqanaba Olawulo Aphumeza Umgaqonkqubo, (Umz., IKomiti, ISinethi, IBhunga)** | Ikomiti Yomgaqonkqubo woLwimi: 7 EyeNkanga 2024<br>ISinethi: 22 EyeNkanga 2024<br>Ibhunga: 12 EyoMnga 2024 |
| **Umjikelo Wohlaziyo** | Iminyaka emi5 |
| **Umhla woHlaziyo Olulandelayo** | 2029 |

**Ingcaciso Yesigama**

| Igama | Ingcaciso |
|---|---|
| Uphuhliso | Oku kwalatha ukukhuthazwa nokomelezwa kweelwimi zeMveli zaseMzantsi Afrika ezazijongelwe phantsi zisebenziseke kwiinkalo zonke kumaziko emfundo ephakamileyo kuquka inkcubeko yemfundo, ukufundisa nokufunda, kwakunye nonxibelelwano ngokuhambelana neSolotya lama-29(2) loMgaqo-Siseko waseMzantsi Afrika. |
| Uphuhliso lweelwimi | "inkcubeko yemfundo" yalatha inkqubo yesicwangciso ngolwimi apho ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kuphuhliswa kusetyenziswe njengolwimi olusebenza kulawulo nobhaliso, ukufundisa neenjongo zophando, kwiindlela ezakhelwe ukuqinisekisa ukusetyenziswa kweelwimi kwinkcubeko yemfundo nophando. |
| Ukutolika | Oku kwalathisa ukhuphelo lolwimi lonxibelelwano ngentetha okanye imibhalo esayiniweyo ukusuka kulwimi ukuya kolunye. Kule meko, umbhalo ongumthombo usenokuba kolunye ulwimi luze ulwimi oluphuhliswayo lube kwezinye iilwimi kodwa lonke lube kuhlobo lolwimi lwentetho okanye umbhalo osayiniweyo owahlukileyo kolwenguqulelo. |
| Kaaps | IKaaps lulwimi lwaseAfrika olwakhiwe lulwimi olwalusetyenziswa ngamakhoboka xa ezincokelela namanye amaqela awayephila phantsi kobukhoboka ngexesha uluntu luphila kwiKoloni yeKapa. Imvakalo yalo, ukwakhiwa kwamagama, ukucwangciswa kwezivakalisi, neempawu zokunika intsingiselo ngokweMbali yakhiwa ngokuxuba isiDatshi saseKapa esixutywe nesakhiwomagama sesiArabhu, nesiPhuthukezi (esikwaziwa ngeMalay-Portuguese), Bahasa-Malay, neelwimi zamaKhoi namaSan kwiminyaka yangaphambili kwinkulungwane ye1600 ukuya kwi1700. Kamva yaba nefuthe lesiNgesi nesiBhulu esikumgangatho othile (kancinci kancinci yaqala ukujongelwa phantsi) ngenxa zemigaqonkqubo yobukoloniyali nenkqubo yocalucalulo. |
| Ulwimi lonxulumano | Oku kubhekise kuwlimi/kwiilwimi ezisetyenziswa kunxibelelwano ngaphandle nangaphakathi eyunivesithi. |
| Ulwimi Lokufundisa nokufunda | Olu lulwimi olusetyenziswa ukufundisa kwindawo yokufundisa. |
| Isicwangciso ngoLwimi | Isicwangciso solwimi sisikhokelo esibonisa iindlela neenkqubo zokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwiimi ezininzi kwiinkalo zokufundisa nokufunda, uphando, unxibelelwano, nolawulo nobhaliso. Isicwangciso esinjalo siphawula iindlela zokusebenzisa iilwimi zokufundisa nokufunda, unxibelelwano, ulawulo nobhaliso. |
| Iilwimi Zemveli ezazijongelwe phantsi eMzantsi Afrika | Ngokuphathelene nomgagonkqubo wolwimi kumaziko emfundo ephakamileyo eMzantsi Afrika HE kuquka zonke iilwimi ezisemthethweni elizweni, ezineengcambu zelifa lmveli eAfrika, ngaphandle kolwimi lwesiNgesi nesiBhulu. Ukusukela kuCanzibe ka2023, oku kuquka neNtetho yoLwimi lweZandla eMzantsi Afrika(SASL). |

| | |
|---|---|
| Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi | Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwalathisa ukusebenzisa iilwimi ezimbini nangaphezulu kunxibelelwano, inkcubeko yemfundo nophando, ukufundisa nokufunda. Abantu abasebenza ngokusebenzisa iilwimi ezahlukeneyo kwindawo ezahlukeneyo nakuluntu olwahlukileyo. Ukusebenza ngeelwimi ezininzi okusebenzayo kuqwalasela ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo kwiimeko ezahlukeneyo kuxhomekeke kwinjongo nemeko. |
| Isakhelo soMgaqonkqubo Wolwimi Omtsha | Isakhelo soMgqonkqubo Omtsha kuMaziko Emfundo Aphakamileyo (NLPFPHEIs) safakwa kwiGazethi ngo2020. I-NLPFPHEI zibonelela isakhiwo sokuphuhlisa nokomeleza iilwimi zemveli zibe zilwimi zemfundo nophando, ukufundisa nokufunda, nonxibelelwano kumaziko emfundo ephakamileyo. Ngokwenza njalo, ibonelela izikhokelo zophuhliso, ukusetyenziswa, ukubeka iliso nohlolo lwemigaqonkqubo kumaziko emfundo. |
| SAQA NQF | Oku kubhekise kwiSouth African Qualifications Authority National Qualifications Framework |
| Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi | Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kucacisa ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo eziqulathwe ngumntu ngamnye, yindlela abalusebenzisa ngayo ulwimi, ukunxibelelana. Iilwimi ezahlukeneyo kwindlela yokuqwalasela ulwimi isenokungabiko kumgangatho omnye wolwazi lokusebenzisa ulwimi nokunxulumana kodwa zingaluncedo kunxibelelwano nasekunikeni intsingiselo, kungoko zibizwa izixhobo zokusebenzisa ulwimi. Kwabo basebenzisa iilwimi ezimbini nangaphezulu, ukusebenzisa iilwimi ezahlukeneyo anazo umntu ngamnye(kuquka ukusebenzisa iilwimi ezimbini kwisivakalisi esinye/code switching) kusetyenziswa izixhobo zolwimi ezahlukeneyo njengendlela eqhelekileyo kunxibelelwano. Iphedagoji yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi ezisetyenziswa ngabafundi nabahlohli ukwenza intsingiselo yamagama engqiqo kusetyenziswa iilwimi ezahlukeneyo njengendlela elicebo lokufundisa nokufunda eziklasini zabantu abathetha iilwimi ezininzi ezahlukeneyo. |
| Inguqulelo | Oku kubhekisa ekuguquleni imibhalo ebhaliweyo ukusuka kweminye ukuya kweminye. Kulo mzekelo, umbhalo ongumthombo ungakuhlobo lobhalo oluthile kulwimi oluthile ube lolunye ulwimi kwezinye iilwimi, kodwa yonke ibhalwe ngohlobo lobhalo oluthile olwahlukileyo kulwimi lwenguqulelo. |

**Umgaqonkqubo woLwimi eUCT - 2024**

**1. Imbulambethe/Injongo neNdawo**

Umbono weUCT ku2030 ubonisa injongo yeziko “ukusekela nokuqamela ngeyantlukwano yoluntu nenkcubeko ekhethekileyo, ubuchule namandla okuqinisekisa ukuxhobisa bonke abasebenzi nabafundi ukwenza igalelo ekwenzeni inkulungwane yama21 ibe yinkulungwane engobuAfrika.” Njengoko ulwimi luqhubeka nokuba ngumqobo ukufikelela nokuphumelela kubafundi abaninzi kumaziko emfundo ephakamileyo eMzantsi Afrika, kuquka iYunivesithi yaseKapa (UCT), lukwasisixhobo esityebileyo. Ukuqhubela phambili ngokuzimisela kweYunivesithi kwinguqu (njengoko kucatshulwe kuVision 2030), iUCT isebenzisa lomgaqonkqubo ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezimbini nangaphezulu. IYunivesithi ithatha ulwimi lwesiNgesi, isiXhosa neAfrikaans njengeelwimi ezisemthethweni kwiYunivesithi (yaseKapa). Ukongeza, iYunivesithi iyayiqaphela iKaaps, Ulwimi lokuThetha ngeZandla eMzantsi Afrika (SASL), i-N|uu, neKhoekhoegowab kwaye izimisele ikwazinikele kuphuhliso lwazo. Inkxasomali nezixhobo zophuhliso zakugxila kuphuhliso lwesiXhosa, iKaaps, iSASL, iKhoekhoegowab neN|uu.

Lo mgaqonkqubo usetyenziswa ngokuhambelana nesolotya lama-29(2) loMgaqosiseko weRiphabhliki yoMzantsi Afrika, 1996, eyenza izibonelelo ezithi wonke umntu unelungelo lokufumana imfundo ngolwimi olusemthethweni okanye iilwimi abakhetha ukufunda ngazo kumaziko emfundo kawonkewonke apho imfundo ikwazi ukusebenziseka. Ukongeza, isolotya le-9(3) loMgaqosiseko uyakuthintela ukuphathwa ngokwahlukileyo kwabanye nocalucalulo kwiinkalo zonke, kuquka ulwimi. Oku kuzimisela kuchazwa kwisolotya lama-27(2) loMthetho weMfundo Ephakamileyo, 1997, onyanzelisa ibhunga, ngokuvumelana neSinethi, ukuqikelela umgaqonkqubo wamaziko emfundo ephezulu kawonkewonke.

KweyeDwarha ku2020, Isebe leMfundo Ephakamileyo noQeqesho lafaka kwigazethi iSakhelo soMgaqonkqubo woLwimi Omtsha kumaZiko Emfundo Ephakamileyo/New Language Policy Framework for Public Higher Education Institutions. Ngokwesi Sakhelo/leFramework, kufuneka onke amaziko emfundo ephakamileyo aphuhlise iindlela neengcebiso zokukhuthaza ukusetyenziswa kwemigqaonkqubo yeelwimi nezicwangciso zokukhuthazwa kweelwimi ezininzi. ISakhelo(iFramework )sifuna umgaqonkqubo wolwimi welathe okungenani iilwimi ezimbini nezisemthethweni zaseMzantsi Afrika, ngaphandle kolwimi lwesiNgesi, ukuphuhlisa imfundo nophando kunye nokunxibelelana.

Iyunivesithi iyakuvuma ukubekelwa bucala kweelwimi zemveli ekufundiseni, ekufundeni, kuphando, nakunxulumano lwangaphakathi nangaphandle kweyunivesithi. Ngokwalo mba, iYunevesithi izimisele ukukhuthaza nokuphuhlisa ukusetyenziswa kwezi lwimi zemveli kwiinkalo zeyunivesithi ezichazwe ngentla.

Isakhelo somgaqonkqubo wolwimi ngokwesibonelelo seDHET sigqala kwiinkalo eziyinxalenye yomgaqonkqubo wolwimi. Umgaqonkqubo weyunivesithi kumele uhambelane nesicwangciso sokusetyenziswa kolwimi esiza kucacisa indlela yokuqwalasela iinjongo ezimiselweyo kulo mgaqonkqubo.

**2. Imiqathango eyinjongo**

Iilwimi ezisemthethweni kwiYunivesithi yaseKapa sisiNgesi, isiXhosa neAfrikaans. Ngaphezulu, iyunivesithi iqwalsela ukubaluleka kokuphuhliswa nokusetyenziswa kweelwimi ezininzi njengesenzo sonxibelelwano lwabantu abathetha iilwimi ezingafaniyo. Uluntu lweUCT luzimisele:

- Ukukhuthaza nokusetyenziswa kweelwimi zemveli eMzantsi Afrika ezazijongelwe phantsiekufundiseni, ekufundeni, kuphando nonxibelelwano
- Ukushenxa ekunikeni ulwimi lwesiNgesi lodwa ixabiso elikumgangatho ophezulu kunezinye

iilwimi kugxilwe ekunikeni izixhobo zokusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo ngabasebenzi nabafundi ixabiso eliphezulu.
- Ukuvuma nokwamkela ukuba ukusetyenziswa kweelwimi ezinzinzi sisixhobo esimele ukusetyenziswa ngokwahlukileyo kwiindawo ezahlukeneyo eyunivesithi.

**3. Izibonelelo ezingundoqo**

**3.1 Ukufundisa nokuFunda**

Ukufundisa nokufunda eyunivesithi kwakucaciswa yimiqathanga ekumila kubini ukukhuthaza iilwimi zemveli eMzantsi Afrika kunye nokufikelela kwilitherasi yenkcubeko engesiNgesi. Iyunivesithi iza kuxhobisa abahlohli nabafundi basebenze ngokubambisana ukufunxa nokuqamela kwimiba yokufundisa nokufunda kusetyenziswa iilwimi ezininzi.

3.1.1. Ulwimi lokufundisa nokufunda

IsiXhosa siza kubonelelwa sixhaswe ngokupheleleyo njengolwimi lokufundisa, ukufunda novavanyo sihambelane nolwimi lwesiNgesi. Ukongeza, kukhuthazwa ukusetyenziswa kweelwimi zonke ezisemthethweni eMzantsi Afrika ukufunda, ukufundisa nokuvavanya.

Kukhuthazwa ukusetyenziswa kwephedagoji yokusetyenziswa nokuphuhliswa kwesigama esiza kunceda abafundi nabahlohli ukunika intsingiselo nokuqondakala kwamagama ayingqiqo ngokusebenzisa iilwimi ezininzi njengecebo lokufundisa nokufunda.

3.1.2. Abafundi abafunda isidanga sokuqala

Bonke abafundi abafunda isidanga sokuqala (ngokwemigangatho yeSAQA NQF u5-7) abaphumelele uGreyidi 12 bengenalo ulwimi lwemveli lwaseMzantsi Afrika kwizifundo zabo, okanye bengenalwazi lolwimi lwemveli lwaseAfrika ngokugqibeleleyo, bayakhuthazwa ukuba bathathe ikhosi kunxibelelwano lwesiXhosa.

3.1.3. Abafundi bemfundo ephezulu(abafunda isidanga sesibini nangpahezulu)

Iyunivesithi iza kusebenzela ekuguquleleni iiabstrakthi zePhD zibe kwiilwimi zemveli ezazijongelwe phantsi ngaphambili eMzantsi Afrika. Iyunithi yolwimi kwiyunivesithi iza kunika inguqulelo ngeelwimi ezisemthethweni kwiyunivesithi. Kukhuthazwa kwaye kuxhaswa ukusetyenziswa kweelwimi zemveli eMzantsi Afrika ekubhaleni iiabstrakthi.

Ngokuhambelana nomqolo we 3.1.1., abafundi bayakhuthazwa ukuba babhale bavelise iithisisi ngeelwimi zaseMzantsi Afrika ezisemthethweni apho kufanelekileyo nalapho kukho umnqweno.

**3.2 Uphando nobungcali**

IYunivesithi izimisele ukukhuthaza uphando nobungcali kwiilwimi nangeelwimi zemveli ngokunikezela izixhobo:

- kubaphandi abaqhuba uphando ngeelwimi zemveli;
- kubaphandi abaqhuba uphando kwiilwimi zemveli;
- zokuphuhlisa ulwimi olugqale kwinkalo yesifundo; kunye
- nezixhobo ezikhuthaza ukuqhuba uphando lweephedagoji ngokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwimfundo yamabanga aphezulu.

Ngaphaya koko, siyayiqonda imfuneko yenkxaso ye-software ukuxhasa uphuhliso lweelwimi ezityeshelweyo kusetyenziswa izixhobo ezahlukeneyo kunxibelelwano ngeelwimi ezininzi. Kungoko ke ukuphanda ithiyori, amacebo, iimethodi nezixhobo zokuxhasa i-software kubalulekile ukuphuhlisa iilwimi ezisemthethweni.

**3.3 Unxibelelwano**

3.3.1 Unxibelelwano lwangaphakathi

Unxibelelwano lwangaphakathi kwiyunivesithi, olufana kodwa lungaphelelanga kupapasho lwemiba yasekhampasini, iindaba zeUCT, iinothisi njlnjl, kufuneka lwenziwe ngokwezigatyana zolwimi, okanye ngeelwimi zonke ezisemthethweni kwiyunivesithi ngokuhambelana nomba nolwimi lonxibelelwano olufanele umba lowo. Oku kungenziwa ngokulinganisa indlela esetyenziswa epalamente, ngakumbi kumba wemizuzu yeyunivesithi.

3.3.1.1 Intetha

Kufuneka kusetyenziswe iilwimi ezimbini nezintathu ezisemthethweni zeyunivesithi (apho kufanele kwenziwe zikhatshwe yitoliki yeSASL) njengeelwimi zonxibelelwano kwimicimbi esemthethweni efana nothweso zidanga.

3.3.1.2 Ukubhala

Kumele kusetyenziswe iilwimi ezisemthethweni zeyunivesithi kunxibelelwano olubhalwayo oluquka kodwa lungaphelelanga kwiileta, iimemoranda, olindixesha bonxibelelwano eUCT, imizuzu neentlanganiso ezisemthethweni, njlnjl. Kufuneka iwebhusayithi yeUCT ifumaneke namaphephawebhu eefakhalthi afumaneke ngeelwimi ezisemthethweni zeyunivesithi. Kufuneka iisayini zibhalwe ngeelwimi ezininzi kusetyenziswa ezo lwimi zisemthethweni weyunivesithi.

3.3.2 Ulwimi lokunxibelelana nengaphandle leyunivesithi

Kufuneka iimathiriyeli zonxibelelwano nokwazisa iyunivesithi zibonise ukuzimisela ukusebenzisa kweelwimi ezininzi ezisebenza kwiYunivesithi yaseKapa, kusetyenziswa ulwimi olufanelekileyo nolulungele abo lulungiselelwe bona (abafundi nabasebenzi). IUCT iyawuhlonipha umgaqonkqubo neemfuno ezikhethwa ngabathathinxaxheba (stakeholders), amahlakani nabanxulumani bangaphandle kweyunivesithi kwaye kufuneka lulungiselele olo lwimi lukhethwa ngabanxulumani bangaphandle njengoko beyinxalenye yeelwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika.

**3.4 Izicwangciso ngoLwimi**

UMgaqonkqubo wolwimi eUCT uza kusetyenziswa kwinqanba leyunivesithi nefakhalthi. Iifakhalthi namanye amanqanaba olawulo aza kuphuhlisa izicwangciso zokusetyenziswa komgaqonkqubo eziza kuqwalasela uphando, ukufundisa, ukufunda, uhlolo nonxibelelwano. Izicwangciso ziza kucubungula amacebo okusebenzisa ezi zicwangciso kwixesha elifutshane, kwixesha elidana/eliphakathi nakwixesha elide. Kufuneka izicwangciso ziphunyezwe yiSinethi, iifakhalthi, namanqanaba olawulo anika inkxaso ngoxanduva lokusetyenziswa kwezicwangciso ezo. Kufuneka izicwangciso zihlaziywe ngokutsha qho emva kweminyaka emihlanu.

IYunivesithi iza kuxhasa iifakhalthi ngokumisela iyunithi yolwimi. Ukongeza, iifakhalthi ziza kukwazi ukucela inkxasomali nezixhobo zokusebenza ezihambelana nokusebenzisa izicwangciso zazo.

**3.5 Imisebenzi enguNdoqo**

3.5.1. Ikomiti yoMgaqonkqubo woLwimi (LPC) inika ingxelo kwiSinethi.

3.5.2. Kufuneka kumiselwe iYunithi yezeLwimi ukuxhasa ukusetyenziswa komgaqonkqubo ngokusetyenziswa kweelwi ezininzi (multilingualism) zeyunivesithi. Iyunithi iza:

3.5.2.1. Kunika iinkonzo zoguqulelo nokutolika;

3.5.2.2. Kuxhasa iiglosari zokusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngophuhliso lwesigama kwinkalo yesifundo ngasinye;

3.5.2.3. Kunika abasebenzi inkxaso ngophuhliso lweendlela zokufundisa nokufunda kusetyenziswa iilwimi ezininzi;

3.5.2.4. Kuxhasa ukusebenzisa inkcubeko yolwazi lwesiXhosa.

3.5.2.5. Kukhuthaza uphando ngolwimi okanye ulwimi lweyunivesithi, IsiXhosa, iSASL,

iKhoekhoegowab, iN|uu neKaaps.

3.5.2.6. Kumela umdla wokusetyenziswa kwesakhiwo solwimi loluntu lweyunivesithi ngokuququzelela ukukhuthaza umgaqonkqubo wolwimi.

## 4 Ukubeka Iliso nokulamla nophononongo

IKomiti yoMgaqonkqubo woLwimi inoxanduva lokubek'iliso nokusetyenziswa komganqonkqubo. Imibuzo nezikhalazo ngemiba ephathelene nomgaqonkqubo, abasebenzi nabafundi kufuneka balumane indlebe nabasemagunyeni kwiifakhalthi okanye ISebe leMicimbi yaBafundi okanye iOfisi yoQuko neNguqu ukufumana uncedo oluthe xhaxhe.